



A call to action

By Zukiswa Wanner

As 2017 wound down, South Africa heard news that broke our collective hearts. A report by Progress in International Reading Literacy Study (PIRLS) alerted us that 78% of South African children in Grade 4 cannot read for meaning in any language. How do we turn this around?

According to the National Academy of Education and National Institute of Education, reading aloud has been shown to be the single most important activity for building the knowledge required for eventual success in reading.

Every year, since Nalibali started their World Read Aloud Day activities in 2013, a South African author has been commissioned by the campaign to write a special story that is translated into all 11 official South African languages. Everyone across the country can then read this story aloud to their children, their neighbours' children, and children at libraries on that particular day.

Each year, the numbers of those who take part in World Read Aloud Day has increased with the numbers rising steadily from 13 401 in 2013 to an incredible 719 627 last year. In 2017, Nalibali was lucky enough to have Buhle Ngaba, Mohale Mashigo, Hlubi Mboya and Sindiwe Magona reading aloud to some of the children.

World Read Aloud Day 2018 took place on 1 February and I was honoured to be the writer of this year's story, *The final minute*. I came home so that I could read it to 1 000 children in Soweto.

I called on all public figures, educators, parents, grandparents, aunts, uncles and cousins, and all South Africans of goodwill, to take some time from their day on 1 February to read aloud to the children in their lives. Illiteracy will not end just through doing this, but it is a good way to start reducing it. More so if those of us who take part in World Read Aloud Day commit to reading aloud to children more frequently.

For my part, I have committed to read aloud to children at least once every two weeks during the four months I will be home from 1 February until 31 May. I want to play my part in ensuring that when PIRLS does the next report on literacy, there will be more children who can read, and that children will read because they enjoy it. I hope you, fellow South Africans, will join me.

Ikhwelo lokuthatha amanyathelo

NguZukiswa Wanner

Uthe xa usiya ekupheleni unyaka wama-2017, uMzantsi Afrika weva iindaba ezonakalise iintiliziyo zoninzi lwethu. Inxelo ekhutshwe ngabakwaProgress in International Reading Literacy Study (PIRLS) yasazisa ukuba ama-78% abantwana baseMzantsi Afrika kwiBanga le-4 abakwazi ukufunda bayive intsingiselo nakoluphi na ulwimi. Siza kuyisombulula njani le ngxaki?

NgokweNational Academy of Education neNational Institute of Education, ukufunda ngokuvakalayo kuboniswe njengenyanthelo elibalulekileyo elilodwa lokwakha ulwazi olufunekayo ukuze ukufunda kube yimpumelelo.

Ngonyaka ngamnye, ukususela oko uNalibali waqalisa imisetyenzana yakhe yoSuku lokuFunda ngokuVakalayo lweHlabathi ngowama-2013, umbhali waseMzantsi Afrika uthunye liphulo ukuba abhale ibali lohlobo olulodwa eliguqulelwe kuzo zonke zoli-11 iilwimi zaseburhulumenteni zaseMzantsi Afrika. Wonke umntu kulo lonke ilizwe unakho ukufundela abantwana bakhe eli bali ngokuvakalayo, afundele abamelwane bakhe, nabantwana kwiilayibrari ngolo suku lohlobo olulodwa.

Ngonyaka ngamnye, inani labo banenxaxheba kuSuku lokuFunda ngokuVakalayo lweHlabathi linyuke ngokwanelisayo ukususela kwi-13 401 ngowama-2013 ukuya kuma- 719 627 angakholelekiyo kunyaka ophelileyo. Ngowama-2017, uNalibali waba neithamsanqa lokuba kubekho uBuhle Ngaba, uMohale Mashigo, uHlubi Mboya noSindiwe Magona abebefundela abantwana abathile ngokuvakalayo.

Usuku lokuFunda ngokuVakalayo lweHlabathi lowama-2018 belubanjwe ngomhla woku-1 kweyoMdumba kanti bendiwongwe ngokuba ngumbhali webali lalo nyaka, *Umzuzu wokugqibela*. Ndagoduka ukuze eli bali ndilifundele abantwana abali-1 000 eSoweto.

Ndabiza bonke abantu ababalulekileyo eluntwimi, ootitshala, abazali, ookhulu, oomakazi, oodadobawo, oomalume, ootatomncinci nabazala, kunye nabo bonke abantu abanenkathalo baseMzantsi Afrika, ukuba babe nexesha kusuku lwabo lomhla woku-1 kweyoMdumba lokufundela abantwana abasebomini babo. Ukungakwazi ukufunda nokubhala akunakupheliswa kukwenza oku kuphela, kodwa yindlela efanelekileyo yokuqalisa ukukunciphisa. Ngaphaya koko, abo bethu banenxaxheba kuSuku lokuFunda ngokuVakalayo lweHlabathi mabazinikele ekubeni baza kufundela abantwana ngokuvakalayo rhoqo.

Kwelam icala, ndizinikele ekubeni ndifundele abantwana ngokuvakalayo kanye kwiiveki ezimbini ebuncinane, kwithuba leenyanga ezine endiza kuba ndisekhaya ngalo, ukususela kumhla woku-1 kweyoMdumba ukuya kowama-31 kuCanzibe. Ndifuna ukudlala eyam indima ukuqinisekisa ukuba xa abakwaPIRLS besenza ingxelo yabo elandelayo ngesakhono sokufunda nokubhala, baya kuba baninzi noko abantwana abakwaziyo ukufunda, kwaye abantwana baya kufunda kuba bekonwabela ukwenza njalo. Ndiyathemba ukuba nani Mawethu bantu baseMzantsi Afrika, niya kundijoyina.



- ★ Read our report on World Read Aloud Day 2018 on pages 2 and 3.
- ★ Read our interview with Zukiswa Wanner on page 13.
- ★ Funda ingxelo yethu ngoSuku lokuFunda ngokuVakalayo lweHlabathi lowama-2018 kwiphepha le-2 nele-3.
- ★ Funda udlwanondlebe lwethu noZukiswa Wanner kwiphepha le-13.



Drive your
imagination

Join us. Be a literacy role model.
Sijoyineni. Yibani yimizekelo emihle
yokufunda nokubhala.



Nal'ibali news

Each year on World Read Aloud Day, Nal'ibali reminds everyone who lives in South Africa about the benefits of reading aloud to children. And we've been reading to more and more children each year.

When we first started in 2013, 13 401 children were read to. And this year – five years later – over a million children across the country were read to! That's a new record for Nal'ibali and South Africa!

In preparation for World Read Aloud Day on 1 February 2018, we produced a special story, *The final minute* (written by Zukiswa Wanner and illustrated by Rico) that featured the Nal'ibali characters, Neo, Mbali and Priya. The story was available in all 11 official languages. (You can still find the story on our website: www.nalibali.org.) Nal'ibali also partnered with Blind SA to produce a version of the story in Braille, and with Sign Language Education and Development (SLED) to make a digital video in South African Sign Language.

Read-aloud sessions were held by members of the public, the campaign's national network of literacy activists called FUNda Leaders, Nal'ibali's own Literacy Mentors who support over 1 000 reading clubs in six provinces, as well as fellow NGOs and other partners. Photographs and information about these sessions was shared on Nal'ibali's Facebook page and Twitter feed as they took place on the day, to allow children and adults in different parts of the country to connect and share in the joy of this nationwide event.

This year, Nal'ibali's main event was held in collaboration with the Department of Basic Education and took place at the Mofolo Cultural Bowl in Mofolo Park, Soweto. Things got started at 10 a.m. when a thousand children from nearby schools – Moetapele Primary School, Nka-Thufo Primary School, Shalom-Manne Primary School, Tlhatlogang Secondary School and Thabisang Primary School – arrived at the park.

FUNda Leader and storyteller, Bongani Godide, opened the event, and Nal'ibali's Managing Director, Jade Jacobsohn, welcomed everyone before Enoch Rabotapi from the Department of Basic Education gave a speech. Then it was the turn of the Nal'ibali team from Gauteng to get everyone to have fun by singing some action songs.

YOTV presenter, Ofentse Tlou, gave a motivational talk encouraging the children to keep going to school. Soccer players from Orlando Pirates gave a short speech about how being a good soccer player and a reader require the same thing: discipline. Then it was the moment that everyone had gathered for – to listen to our special story being read aloud by its author, Zukiswa Wanner. Zukiswa read the story in English, while Bongani read it in isiZulu and Nal'ibali's PR and Events Co-ordinator, Petunia Thule, read it in Sesotho.

Before the children went back to school, they each collected a copy of the Nal'ibali World Read Aloud Day Supplement and the storybook, *Refilwe*, by Zukiswa Wanner to take with them. It was a fun and inspiring World Read Aloud Day!

Iindaba zakwaNal'ibali

Ngonyaka ngamnye woSuku lokuFunda ngokuVakalayo lweHlabathi, uNal'ibali ukhumbuza wonke umntu ohlala eMzantsi Afrika ngoncedo olufumaneka ngokufundela abantwana ngokuvakalayo. Kanti lisoloko lisanda inani labantwana esibafundelayo ngonyaka ngamnye.

Ukuqala kwethu ngowama-2013, kufundelwe abantwana abali-13 401. Kanti kulo nyaka – emva kweminyaka emihlanu – bangaphezu kwesigidi abantwana kulo lonke eli lizwe abafundelweyo! Yirekhodi entsha leyo yakwaNal'ibali naseMzantsi Afrika!

Xa besilungiselela uSuku lokuFunda ngokuVakalayo lweHlabathi ngomhla woku-1 kweyoMdumba wama-2018, sikhuphe ibali lohlobo olulodwa, *Umzuzu wokugqibela* elibhalwe nguZukiswa Wanner kanti imifanekiso izotywe nguRico) nelinabalinganiswa bakwaNal'ibali, uNeo, uMbali noPriya. Eli bali belifumaneka ngazo zonke zoli-11 iilwimi zaseburhulumenteni. (Nangoku ungafumana eli bali kwiwebhusayithi yethu: www.nalibali.org.) UNal'ibali ukwasebenzisana nabakwaBlind SA ukuze akhuphe uguqulelo lweli bali kwiBraille, nakwiSign Language Education and Development (SLED) ukuze kubekho ividiyo esetyenziswa ngokwekhompyutha ngoLwimi lokuThetha ngeZandla lwaseMzantsi Afrika.

Amathuba okufunda ngokuvakalayo ebebanjwe ngamalungu oluntu, uthungelwano lwamatshantliziyo esakhono sokufunda ephulo lesizwe abizwa ngokuthi ziiFUNda Leaders, abaCebisi beSakhono sokuFunda bakwaNal'ibali abanika inkxaso kwiiklabhu zokufunda ezingaphezu kwe-1 000 kumaphondo amathandathu, ngokunjalo nemibutho yee-NGO ekwintsebenziswano kunye namanye amahlakani. Iifoto neenkukacha malunga nala mathuba ziboniswe kwikhasi leFacebook lakwaNal'ibali nakwiTwitter njengoko bekusenzeka ngolu suku, ukuze nabanye abantwana nabantu abadala kwiindawo ezahlukeneyo zelizwe babenakho ukuzinxulumanisa nolonwabo lwesi siganeko sesizwe ngokubanzi.

Kulo nyaka umsitho ophambili wakwaNal'ibali ububanjwe ngokusebenzisana neSebe leMfundo esisiSeko eMofolo Cultural Bowl eMofolo Park, eSoweto. Kuqaliswe ngentsimbi ye-10 kusasa apho abantwana abaliwaka abavela kwizikolo ezikufuphi nalapho – iMoetapele Primary School, iNka-Thufo Primary School, iShalom-Manne Primary School, iTlhatlogang Secondary School neThabisang Primary School – bafika epakini.

IFUNda Leader nombalisi wamabali, uBongani Godide, wavula umsitho, waze umBhexeshi woLawulo wakwaNal'ibali, uJade Jacobsohn, wamkela wonke umntu phambi kokuba uEnoch Rabotapi ovela kwiSebe leMfundo esisiSeko enze intetho. Emva koko kuqalise iqela lakwaNal'ibali elivela eGauteng elonwabise wonke umntu ngokucula iingoma ezikhatshwa ziintshukumo.

Intatheli yeYOTV, uOfentse Tlou, wenze intetho yenkuthazo ekhuthaza abantwana ukuba baqhube ngokuya esikolweni. Abadlali bebhola ekhatywayo beOrlando Pirates benze intetho emfutshane malunga nendlela ukuba ngumdlali obalaseleyo webhola ekhatywayo nokuba ngumfundi obalaseleyo kudinga into efanayo: ukuqeqesheka. Emva koko kwafika ixesha ebelilindelwe nguye wonke umntu – ukumamela ibali lethu lohlobo olulodwa elifundwa ngokuvakalayo ngumbhali walo, uZukiswa Wanner. UZukiswa ulifunde ngesiNgesi ibali, waze uBongani walifunda ngesiZulu ukanti iPR nomQuquzeleli wamaTheko wakwaNal'ibali, uPetunia Thule, ulifunde ngeSesotho.

Phambi kokuba abantwana babuyele esikolweni, emnye kubo uthathe ikopi yoShicilelo lakwaNal'ibali yoSuku lokuFunda ngokuVakalayo lweHlabathi neyencwadi yamabali ethi, *URefilwe*, ebhalwe nguZukiswa Wanner ukuba bahambe nazo. USuku lokuFunda ngokuVakalayo lweHlabathi belulolonwabo futhi lukhuthaza!

We did it ...

Thank you!

Together, on World Read Aloud Day, we read to

1 294 345

children across South Africa!

Siphumelele ...

Siyabulela!

Sikunye, ngoSuku lokuFunda ngokuVakalayo lweHlabathi, sifundele abantwana abangange-

1 294 345

eMzantsi Afrika uphelele!




Drive your
imagination



Daniel Born



Children and teachers from Thabisang Primary School arriving at Mofolo Park.
Abantwana nootishala baseThabisang Primary School befika eMofolo Park.

Daniel Born



Children enjoying the World Read Aloud Day event.
Abantwana bonwabele umsitho woSuku lokuFunda ngokuVakalayo lweHlabathi.

Daniel Born



Orlando Pirates players joining in the fun.
Abadlali beOrlando Pirates bajoyina kulonwabo.

Daniel Born



Children following along in their own copies of *The final minute* while Zukiswa Wanner reads her story.
Abantwana balandela okufundwayo kwiikopi zabo zebali elithi *Umzuzu wokugqibela* xa uZukiswa Wanner efunda ibali lakhe.

Daniel Born



YOTV presenter, Ofentse Tlou, and Neo entertaining the crowd.
Umsasazi weYOTV, uOfentse Tlou, noNeo besonwabisa isihlwele.

Daniel Born



Zukiswa Wanner reading her story to everyone.
UZukiswa Wanner ufundela wonke umntu ibali lakhe.

Daniel Born



Everyone went home with something to read.
Wonke umntu ugoduke enento yokufunda.



For a chance to win some Book Dash books, write a review of the story, *Mrs Penguin's Perfect Palace* (pages 5 to 8, 11 and 12), and email it to team@bookdash.org, or take a photo and tweet us at [@bookdash](https://twitter.com/bookdash). Remember to include your full name, age and contact details.



Ukuze ufumane ithuba lokuwina iincwadi zakwaBook Dash, bhala uphengululo lwebali, elithi, *Ibhotwe eliFezekileyo likaNksk Nombombiya* (iphepha le-5 ukuya kwele-8, ele-11 nele-12, uze ulithumele ngeimeyili ku-team@bookdash.org, okanye thatha ifoto uze uyithumele nge-tweet kutshi ku-[@bookdash](https://twitter.com/bookdash). Khumbula ukufaka igama lakho elipheleleyo, ubudala kunye neenkukacha zozhagamshelwano.



Get story active!

Here are some ideas for using the two cut-out-and-keep picture books, *Mrs Penguin's Perfect Palace* (pages 5, 6, 7, 8, 11 and 12) and *Titilope's silly game* (pages 9 and 10), as well as the Story Corner story, *Busi's gift* (page 14). Choose the ideas that best suit your children's ages and interests.



Mrs Penguin's Perfect Palace

The Penguin family lives on the beach, surrounded by rubbish. One day, Mrs Penguin decides she needs a proper home. But how will they build one?

Write a review of this story and stand a chance of winning some books! See page 3 for details.

- ★ After you have finished reading the story, have a discussion with your children. You could ask questions like those below. Remember to always encourage your children to explain the reasons for their opinions.
 - ✿ How many homes did the penguins build?
 - ✿ Let's look and see what materials they used to build each one. (Together look at pages 6, 10, 16, 17 and 23.)
 - ✿ Each time the penguins worked together to build a home. Who do you think was the leader?
 - ✿ Do you think everyone worked equally hard?
 - ✿ How would you feel if someone in your group didn't work as hard as you? What would you do?
- ★ Give your children lots of different kinds of materials and suggest that they make one of the three homes in the story. Here are some ideas for materials: glue, paint, bottle tops, tin foil containers, small and medium cardboard boxes, match boxes, polystyrene trays and cups, wool, wrapping paper, coloured paper, playdough, clay, shells, thin sticks, leaves, acorns and sand. (If you are doing this activity at your reading club or in your classroom, encourage the children to work together in pairs or groups, just like the penguins in the story did!)
- ★ Ask your children to think about their dream home and then to draw a picture of it. Afterwards let the children tell you about their pictures.



Yenza ibali linike umdla!

Nazi ezinye iingcebiso ezingokusebenzisa iincwadana ezimbini onokuzisika-ze-uzigcine, *Ibhotwe eliFezekileyo likaNksk Nombombiya* (okwiphepha le-5, 6, 7, 8, 11 nele-12) u-*Umdlalo osileyo kaTitilope* (okwiphepha le-9 nele-10), kwakunye nebali leNdawo yamaBali, *Isipho sikaBusi* (okwiphepha le-15). Khetha ezo mbono zihambelana nobudala kunye nemidla yabantwana bakho.

Ibhotwe eliFezekileyo likaNksk Nombombiya

Usapho looNombombiya luhlala elwandle olungqongwe yinkunkuma. Ngenye imini, uNksk Nombombiya ugqiba kwelokuba badinga ikhaya elifanelekileyo. Kodwa bebezakulakha njani elinye?

Bhala uphengululo lweli bali ukuze ufumane ithuba lokuwina iincwadi ezithile! Jonga iphepha le-3 malunga neenkukacha.

- ★ Nakuba nigqibile ukufunda ibali, xoxa nabantwana bakho. Unokubuza imibuzo efana naleyo ingezantsi. Khumbula ukusoloko ukhuthaza abantwana bakho ukuchaza izizathu zezimvo zabo.
 - ✿ Oonombombiya bakha amakhaya amangaphi?
 - ✿ Makhe sikhangele ukuze sibone ukuba basebenzise ziphi na izinto zokusebenza ukwakha ikhaya ngalinye. (Sonke masijonge kwiphepha le-6, 10, 16, 17 nelama-23.)
 - ✿ Kwixesha ngalinye oonombombiya babesebenza kunye ukwakha ikhaya. Ucinga ukuba yayingubani inkokeli yabo?
 - ✿ Ucinga ukuba bonke babesebenza ngokulinganayo?
 - ✿ Ubuya kuziva njani xa omnye kwiqela lakho ebengasebenzi nzima njengawe? Ubuya kwenza ntoni?
- ★ Nika abantwana bakho iintlobo ezininzi ezahlukileyo ezisetyenziswayo uze ubacebise ukuba mabenze elinye kumakhaya amathathu asebalini. Nazi ezinye izimvo malunga nezinto ezisetyenziswayo: iglu, ipeyinti, izivingco zeebhottle, izikhongozelo zefoyili, iibhokisi zekhadibhodi ezincinane neziphakathi, iibhokisi zematshisi, izithebe zepolistirini neekomityi, iwulu, iphepha lokusongela, iphepha lemibala, intlama yokudlalisa, udongwe, amaqokobhe, izinti ezibhityileyo, amagqabi, imbewu yomokhi nesanti. (Ukuba lo msetyenzana uwenza kwiklabhu yokufunda yakho okanye kwigumbi lenu lokufundela, khuthaza abantwana ukuba basebenze kunye ngezibini okanye ngokwamaqela, kanye njengoonombombiya ebalini!)
- ★ Cela abantwana bakho ukuba bacinge ngekhaya labo abaphupha ngalo baze emva koko bazobe umfanekiso walo. Bakugqiba abantwana mabakuxelele ngemfanekiso yabo.

Titilope's silly game

Titilope is a little girl who enjoys playing with wasps. Even though her mother tells her not to and warns her that the wasps could sting her, Titilope still finds a way to play with them.

- ★ Before you read the story, talk to your children about what it feels like to be stung by a wasp or a bee. If they have been stung before, let them share their experiences.
- ★ After you have read the story, talk about the lessons that you and your children think Titilope may have learnt.
- ★ Encourage your children to write a letter (or note) that Titilope may have written to her mother after she had recovered from being stung by the wasps. Then write the letter/note her mother may have written back to Titilope!



Umdlalo osileyo kaTitilope

UTitilope yintombazana encinane ethanda ukudlala ngoonomeva. Nangona umama wakhe emnqanda kuloo nto futhi emlumkisa ngelithi oonomeva bangamluma, uTitilope wayeyifumana indlela yokudlala ngabo.

- ★ Phambi kokufunda ibali, thetha nabantwana bakho ngendlela ekuvakala ngayo ukulunywa ngunomeva okanye ukusuzelwa yinyosi. Ukuba bakhe balunywa ngaphambili, mababalise ngamava abo.
- ★ Nakugqiba ukufunda ibali, thethani ngezifundo wena nabantwana bakho enicinga ukuba zafundwa nguTitilope.
- ★ Khuthaza abantwana bakho ukuba babhale ileta (okanye inqaku) uTitilope awayenokulibhalela umama wakhe akuziva ebhetele emva kokuba ebelunywe ngoonomeva. Emva koko bhala ileta/inqaku enokuba yabhalwa ngumama wakhe ephendula uTitilope!

Busi's gift

Busi is a very happy frog, except for one thing – she looks different than all the other frogs because one of her back legs is extra long and thick. Busi doesn't like looking different. Then one day, a little girl needs Busi's help to escape from a cruel eagle, and Busi learns that the thing she likes least about herself, is actually a special gift!

- ★ Encourage your children to use playdough or clay and other materials to create a scene from the story. Then let them tell you about the scene they have created as well as what happened before and after it.
- ★ Have fun jumping around like frogs, or playing a jumping game you know.



Isipho sikaBusi

UBusi lisele elonwabe kakhulu, ngaphandle kwento enye – ukhangeleka ahlukile kuwo onke amanye amasele kuba omnye wemilenze yakhe engasemva mde futhi mkhulu ngokubaxekileyo. UBusi akakuthandi ukubukeka ahlukile kwabanye. Kwathi ke ngenye imini, intombazana encinane kwafuneka incedwe nguBusi ukubaleka ukhozi olukhohlakeleyo, waze uBusi wafunda ukuba eyona nto angayithandiyo ngaye, kuthe kanti sisipho sohlobo olulodwa!

- ★ Khuthaza abantwana bakho ukusebenzisa intlama yokudlala okanye udongwe nezinye izinto zokuyila umboniso ovela ebalini. Emva koko mabakuxelele ngomboniso abawenzileyo nangokuthi kwenzeke ntoni phambi nasemva kwawo.
- ★ Zonwabiseni ngokutsiba-tsiba njengamasele, okanye nidlale umdlalo wokutsiba-tsiba eniwaziyo.


Create TWO cut-out-and-keep books

Titilope's silly game

1. Tear off page 9 of this supplement.
2. Fold the sheet in half along the black dotted line.
3. Fold it in half again along the green dotted line to make the book.
4. Cut along the red dotted lines to separate the pages.

Mrs Penguin's Perfect Palace

1. To make this book use pages 5, 6, 7, 8, 11 and 12.
2. Keep pages 7 and 8 inside the other pages.
3. Fold the sheets in half along the black dotted line.
4. Fold them in half again along the green dotted line to make the book.
5. Cut along the red dotted lines to separate the pages.



Zenzele iincwadana EZIMBINI onokuzisika-ze-uzigcine

Umdlalo osileyo kaTitilope

1. Krazula, ukhuphe iphepha le-9 lolu hlelo.
2. Lisonge phakathi ulandela umgcana ongamachaphaza amnyama.
3. Lisonge phakathi kwakhona ulandela umgcana ongamachaphaza aluhlaza ukwenza incwadi.
4. Sika ke ngoku ulandela imigcane yamachaphaza abomvu ukuhlula amaphepha.

Ibhotwe eliFezekileyo likaNksk Nombombiya

1. Xa usenza le ncwadi sebenzisa iphepha le-5, ele-6, ele-7, ele-8, ele-11, nele-12.
2. Faka iphepha le-7 nele-8 ngaphakathi kwamanye amaphepha la.
3. Wasonge la maphepha phakathi kumgcana ongamachaphaza amnyama.
4. Wasonge phakathi kwakhona ulandela umgcana ongamachaphaza aluhlaza ukwenza incwadi.
5. Sika ke ngoku ulandela imigcane yamachaphaza abomvu ukuhlula amaphepha.



Drive your imagination



“I can’t think of anything,” said Sissie. “It’s too hard.”

“We haven’t got any cement,” said Boetie. “You can’t build a proper house without cement.”

“I’m hungry,” said Gobbles.


Mrs Penguin sighed. She was never going to get her home.

“Andikwazi kucinga nangantoni ngoku,” watsho uSisi. “Kunzima kakhulu.”

“Asinasamente kwaphela,” watsho uBhuti. “Akukho ndlu ifanelekileyo inokwakhiwa ngaphandle kwesamente.”

“Ndilambile,” watsho uRhlayo.

Wakhwina uNksk Nombombiya. Wayengasayi kuliTumana ikhaya lakhe.



“We’ll try again,” said Mr Penguin.

“Siza kuzama kwakhona,” watsho uMnu Nombombiya.



Lots more free books at bookdash.org

Nal’ibali is a national reading-for-enjoyment campaign to spark and embed a culture of reading across South Africa. For more information, visit www.nalibali.org or www.nalibali.mobi



UNal’ibali liphulo likazwelonke lokufundela ukuzonwabisa elinjongo yalo ikukuvuselela nokwendiselisa inkcubeko nesithethe sokufunda kuMzantsi Afrika uphela. Ukuze ufumane iinkcukacha ezithe vetshe, ndwendwela ku-www.nalibali.org okanye ku-www.nalibali.mobi





Mrs Penguin was cross, “I’m not doing any more work,” she said.
Wayekhathazekile uNksk Nombombiya. “Andizi kuphinda ndisebenze,” watsho.



“Just look at all this mess,” she said.

“Khawujonge wonke lo monakalo,” watsho.

“I wish I had a HOUSE!” said Mrs Penguin.
“I don’t like living in rubbish.”

“Akwaba bendiNENDLU!” watsho
uNksk Nombombiya. “Andithandi
ukuhlala enkunkumeni.”



Mrs Penguin clapped her flippers. “Thank you,” she said. “It’s Mrs Penguin’s Perfect Palace.”



UNksk Nombombiya waqhweba amalungu okuqubha akhe. “Ndiyabulela,” watsho. “Libhotwe eliFezekileyo likaNksk Nombombiya.”

Kuthe kanti uNksk Nombombiya unoluvo analo.



Then Mrs Penguin had an idea.

“Welcome to your palace,” said Mr Penguin.

“Wamkelekile kwibhotwe lakho,” watsho uMnu Nombombiya.



At last the mansion was finished ... but the wind came up and blew it over.
Elkugqibeleni indlu enkulu yagqitywa ... kodwa kwafika umoya wayiphephehekisa yemka.



“Dear Mrs Penguin,” said Mr Penguin. “We will build you a castle.”

“Nksk Nombombiya Endimthandayo,” watsho uMnu Nombombiya. “Siza kukwakhela ibhotwe.”



“I’m still hungry,”
said Gobbles.
“Ndisambile,”
watsho uRhulayo.




“The measurements are wrong,” said Boetie.
“Imilinganiselo ayichanekanga,” watsho uBhuti.



So the Penguin family
set to work.
“The sand is making me
itch,” grumbled Sissie.
Ngoko ke usapho
lakwaNombombiya
lwaqalisa ngomsebenzi.
“Tsanti ilwenza
lurhawuzele ulusu lwam,”
wambombozela uSisi.



“The measurements are
wrong,” said Boetie.
“Imilinganiselo
ayichanekanga,”
watsho uBhuti.



“Sissie, find nets.”
“Sisi, khangel’ iinethi.”



“Boetie, fetch wood,” she said.
“Bhuti, yiza namaplanga,” watsho.



So they worked and
worked and worked
and worked ...

Ngoko ke basebenza,
basebenza baqhuba
besebenza ...

... and at last the home
was finished.

... kwaze
ekugqibeleni
lagqitywa ikhaya.



“Mama, ndiyagula,” uTitilope watsho ngenye imini. Wayefuna ukuhlala ekhaya ukuze adlale ngononomeva. Wathi nje ukuba aphume umama wakhe endlwini, uTitilope wachwehwa wawuka ebhedini waphuma phandle.



“Mama, I am feeling sick,” said Titilope one day. She wanted to stay at home and play with the wasps. As soon as her mother left, Titilope crept out of bed.

UTitilope wabona oonomeva ababini endlwaneni yabo. Wasondelela kufutshane ...

She saw two wasps on a nest. She moved closer and closer ...



Titilope’s silly game Umdlalo osileyo kaTitilope



Sunday Okoh
Félix Seminega
Xolisa Guzula



Reproduced by kind permission of The Little Hands Trust and the Project for the Study of Alternative Education in South Africa (PRAESA). To find out more about PRAESA, go to www.praesa.org.za.

Ipapashwe ngokutsha ngemvume yabakwaThe Little Hands Trust neProject for the Study of Alternative Education in South Africa (iPRAESA). Ukuze ufumane ulwazi oluthe vetshe ngabakwaPRAESA, ndwendwela ku-www.praesa.org.za.




Nal’ibali is a national reading-for-enjoyment campaign to spark and embed a culture of reading across South Africa. For more information, visit www.nalibali.org or www.nalibali.mobi



UNal’ibali liphulo likazwelonke lokufundela ukuzonwabisa elinjongo yalo ikukuvuselela nokwendiselisa inkcubeko nesithethe sokufunda kuMzantsi Afrika uphela. Ukuze ufumane iinkcukacha ezithe vetshe, ndwendwela ku-www.nalibali.org okanye ku-www.nalibali.mobi




<div data-bbox="213 686 930 1417" data-label="Image"> </div> <div data-bbox="265 461 882 617" data-label="Text"> <p>Mama always warned her, “Don’t play with wasps, Titilope. They will sting you.” But Titilope didn’t listen.</p> </div> <div data-bbox="310 170 882 377" data-label="Text"> <p>“Musa ukudlala ngoonomeva. Baza kukuhlaba ngolwamvila,” umama wakhe wayesoloko emlunkisa.</p> <p>Kodwa uTitilope wayengamameli.</p> </div>	<div data-bbox="1205 491 1829 1123" data-label="Image"> </div> <div data-bbox="1197 1177 1825 1396" data-label="Text"> <p>Prh! The wasps flew at the little girl. They began to sting her all over her body. “Ow! Ow! Help!” Titilope cried. But no one heard her.</p> </div> <div data-bbox="1098 1629 1837 1737" data-label="Text"> <p>Poor Titilope’s face was covered with bumps. “I’ll never play with wasps again,” said Titilope.</p> </div> <div data-bbox="1139 1794 1864 2525" data-label="Image"> </div> <div data-bbox="1137 2576 1866 2738" data-label="Text"> <p>Ubuso bosizana olunguTitilope babugcwele izigxala. “Andisoze ndiphinde ndidlale ngoonomeva kwakhona,” watsho uTitilope.</p> </div>
<div data-bbox="207 1590 930 2324" data-label="Image"> </div> <div data-bbox="252 2372 853 2516" data-label="Text"> <p>Titilope liked to play with wasps. She would tie thread around their tiny waists and let them fly!</p> </div> <div data-bbox="252 2585 828 2780" data-label="Text"> <p>UTitilope wayekuthanda ukudlala ngoonomeva. Wayethanda ukubophelela umsondo kwezo zinqe zabo zincinci ze abayeke babhabhe!</p> </div>	<div data-bbox="1098 161 1837 434" data-label="Text"> <p>Akuzange kubekho mtu umwayo. “Yho-o-o! Yho-o-o! Ndincedeni!” wakhala uTitilope. indawo emzimbeni wakhe.</p> <p>kuTitilope. Bagalisa ukumhlaba uTitilope kuyo yonke Plllllllllll! Oonomeva babhabha beza ngqo</p> </div>



“It’s going to be wonderful,” said Mr Penguin.
“You’re doing a good job,” said Mrs Penguin.

“Kuza kuba kuhle ngenene,” watsho
uMnu Nombombiya.
“Mhle umsebenzi wenu,” watsho
uNksk Nombombiya.



Mrs Penguin sighed. She was
doing all the work.

Wakhwina uNksk Nombombiya.
Wonke umsebenzi
wawusenziwa nguye.



“Gobbles, fetch plastic. Mr Penguin fetch the hammer?”
“Rhalayo, yiza neplastikihi. Mnu Nombombiya
yiza nehamile.”

All day they worked.
Basebenza imini yonke.



So the Penguin family set to work.

Ngoko ke usapho
lwakwaNombombiya
lwagalisa ngomsebenzi.

“The stones are heavy,”
gumbled Sissie.
“Ayasinda amatye,”
wambombozela uSisi.



“Siza kuphinda sizame,” watsho uMnu Nombombiya. “Yizani bantwana, siza kwakhela uMama indlu enkulu ngamatye.”



“We’ll try again,” said Mr Penguin. “Come children, we’ll build Mama a mansion from stone.”

At last the castle was finished ... but the tide came in and washed it away.



Ekugqibeleni ibhotwe lagqitywa ... kodwa kwafika iliza lalikhukulisa lemka.

“I’m tired,” said Sissie.
“Keep working,” said Mrs Penguin.
“The measurements are wrong,” said Boetie.
“Keep working,” said Mrs Penguin.
“Ndidiniwe,” utshilo uSisi.
“Qhuba usebenze,” watsho uNksk Nombombiya.
“Imlinganiselo ayichanekanga,” utshilo uBhuti.
“Qhuba usebenze,” watsho uNksk Nombombiya.
Nombombiya.



“I’m still hungry,” said Gobbles.
“Keep working,” said Mrs Penguin.
“Ndisalambile,” watsho uRhalayo.
“Qhuba usebenze,” watsho uNksk Nombombiya.



Story stars

A reading warrior

Zukiswa Wanner is a literacy advocate and author of the children's books, *I love bananas* and *Refilwe*. She's also written six books for adults, one of which won an award.

This year's World Read Aloud Day story, *The final minute*, was written by Zukiswa and she was the storyteller at Nal'ibali's World Read Aloud Day event. We spoke to Zukiswa about the power of reading.

Do you think it's important for children to be read to in a language they understand?

Absolutely. I also think the more languages children can speak, the more empowering it is.

How did your love of reading and writing come about?

My love of reading started when I was a child because I saw my parents reading, and children tend to emulate their parents. Writing came to me much later. I had just returned home to South Africa, and I was working with the late Alf Kumalo at his museum. I found myself with a lot of free time between visits from tourists, archiving his amazing photograph portfolio, and writing proposals so the museum could get funding. I used this free time to write.

Whose responsibility is it to foster a culture of reading amongst our children?

I think it's a collective responsibility: family/guardians and schools. When I was at primary school in Zimbabwe, our timetable included 45 minutes of quiet reading in class every day. We also had a library period once a week where we would borrow books from the school library. We would generally finish our books so fast that we would circulate them amongst our classmates.

What's your favourite book and why?

I think it's next to impossible for any reader to have just one favourite book. I have too many favourites. As I read an average of two books a week, I am wary to name any one book because by the time this gets published, I may have a new favourite!



Daniel Born

Zukiswa Wanner

Iimbilasane zamabali

Ijoni lokufunda

UZukiswa Wanner ngumxhasi wesakhono sokufunda nokubhala kunye nombhali weencwadi zabantwana ezizezi, *Ndiyazithanda iibhanana* nale ithi *URefilwe*. Kwakhona ubhale iincwadi ezintandathu zabantu abadala, kanti enye yazo yafumana ibhaso.

Ibali lalo nyaka loSuku lokuFunda ngokuVakalayo lweHlabathi, *Umzuzu wokugqibela*, libhalwe nguZukiswa kanti wayengunobalisa wamabali kumsitho wakwaNal'ibali woSuku lokuFunda ngokuVakalayo lweHlabathi. Sithethe noZukiswa ngamandla okufunda.

Ucinga ukuba kubalulekile ukuba abantwana bafundelwe ngolwimi abalugqondayo?

Ngokuqinisekileyo. Kwakhona ndicinga ukuba xa zininzi iilwimi abazithethayo abantwana, loo nto ibaxhobisa kakhulu ngezakhono.

Lwaqala njani uthando lwakho lokufunda nokubhala?

Uthando lwam lokufunda lwaqala ndisengumntwana kuba ndandibona abazali bam befunda, kaloku abantwana bayathanda ukulinganisa abazali babo. Ukubhala kona yinto endiyenze ethubeni. Bendisandul' ukubuyela ekhaya eMzantsi Afrika, kwaye ndisebenza kwimyuziyam ka-Alf Khumalo ongasekhoyo. Ndafumanisa ukuba ndiyalifumana ixesha lokwenza endikuthandayo phakathi kwamaxesha emisebenzi endandiyenza eyile utyelelo lwabakhenkethi, ukufaka kuvimba inqwaba yeefoto ezingummangaliso, kwanokubhala izindululo zokucela iinkxaso-mali ezinokufunyanwa yimyuziyam. Eli xesha lokwenza endikuthandayo bendilichithela ekubhaleni.

Luxanduva lukabani ukuhlola inkcubeko yokufunda ebantwaneni bethu?

Ndicinga ukuba luxanduva loninzi: usapho/abamele abazali nezikolo. Ngoko ndandisekwisikolo samabanga aphantsi eZimbabwe, isicwangciso samaxesha sethu besiquka imizuzu engama-45 yokuzifundela komntu eklasini ethe cwaka yonke imihla. Belikhona nexesha lokuya elayibrari kanye ngeveki apho besikwazi nokuboleka iincwadi kwilayibrari yesikolo. Ngokubanzi, besikhawuleza sizigqibe msinyane iincwadi zethu ukuze sikwazi ukuzijikelezisa phakathi kwabafundi beklasi yethu.

Yeyiphi eyona ncwadi uyithandayo kuba kutheni?

Ndicinga ukuba asiyonto ingafane yenzeke ukuba umfundi abe nencwadi enye kuphela eyiyona ayithandayo. Zininzi kakhulu iincwadi endizithanda kakhulu. Njengoko ndiqhele ukufunda iincwadi ezimbini ngeveki, akululanga ukunika igama lencwadi enye kuba nangoku xa le ipapashwa, mhlawumbi kuya kuba kukho enye endiyithanda kakhulu!



NAL'IBALI ON RADIO!

Tune into the following radio stations to enjoy listening to stories on Nal'ibali's radio show!

Ikwekwezi FM on Monday, Wednesday and Friday at 9.45 a.m.

Lesedi FM on Monday, Tuesday and Thursday at 9.45 a.m.

Ligwalagwala FM on Monday to Wednesday at 9.10 a.m.

Munghana Lonene FM on Monday, Wednesday and Friday at 9.35 a.m.

Phalaphala FM on Monday to Wednesday at 11.15 a.m.

RSG on Monday to Wednesday at 9.10 a.m.

SAfm on Monday, Wednesday and Friday at 1.50 p.m.

Thobela FM on Tuesday and Thursday at 2.50 p.m., on Saturday at 9.20 a.m. and on Sunday at 7.50 a.m.

Ukhozi FM on Wednesday at 9.20 a.m. and on Saturday at 8.50 a.m.

Umhlobo Wenene FM on Monday to Wednesday at 9.30 a.m.

X-K FM on Monday, Wednesday and Friday at 9.00 a.m.

Motsweding FM on Monday, Wednesday and Friday at 9.30 a.m.



UNAL'IBALI KUNOMATHOTHOLO!

Ngena, umelele ezi zikhululo zikanomathotholo zilandelayo ukuze wonwabele amabali kwinkqubo kaNal'ibali esasazwa kunomathotholo!

KuIkwekwezi FM ngoMvulo, ngoLwesithathu nangoLwesihlanu ngo-9.45 kusasa.

KuLesedi FM ngoMvulo, ngoLwesibini nangoLwesine ngo-9.45 kusasa.

KuLigwalagwala FM ngoMvulo ukuya ngoLwesithathu ngo-9.10 kusasa.

KuMunghana Lonene FM ngoMvulo, ngoLwesithathu nangoLwesihlanu ngo-9.35 kusasa.

KuPhalaphala FM ngoMvulo ukuya ngoLwesithathu ngo-11.15 kusasa.

KuRSG ngoMvulo ukuya ngoLwesithathu ngo-9.10 kusasa.

KuSAfm ngoMvulo, ngoLwesithathu nangoLwesihlanu ngo-1.50 emva kwemini.

KuThobela FM ngoLwesibini nangoLwesine ngo-2.50 emva kwemini, ngoMgqibelo ngo-9.20 kusasa nangeCawe ngo-7.50 kusasa.


KuUkhozi FM ngoLwesithathu ngo-9.20 kusasa nangoMgqibelo ngo-8.50 kusasa.

KuUmhlobo Wenene FM ngoMvulo ukuya ngoLwesithathu ngo-9.30 kusasa.

KuX-K FM ngoMvulo, ngoLwesithathu nangoLwesihlanu ngo-9.00 kusasa.

KuMotsweding FM ngoMvulo, ngoLwesithathu nangoLwesihlanu ngentsimbi ye-9.30 kusasa.

Busi's gift



Retold by Joanne Bloch ★ Illustrations by Jiggs Snaddon-Wood

Busi was a little green frog who lived with her family next to a winding river in the Drakensberg mountains. Busi was a happy frog, but one thing made her sad. She looked different from her brothers, her sisters, and all the other frogs. Her face was the same. Her body was the same. But one of Busi's back legs was extra long and thick. Sometimes the other young frogs teased her about her strange leg, and this made Busi feel even worse.

"If only I looked like everybody else!" she often said with a sigh. "If only I wasn't so ugly!"

"What nonsense!" said Grandpa Frog.

"Grandpa is right!" said Mama Frog. "How can such a special little frog talk such nonsense?"

But Busi didn't believe them. When the frogs sat croaking on the bank of the river in the long summer evenings, Busi sat behind the rest of them so that no one would see her extra long back leg. And when they caught flies for lunch, she tucked that leg out of sight, so that she looked more like the others.



Further down the river, in a gloomy cave high up on the mountain lived a wicked eagle. "Stay far away from that eagle!" Mama Frog often warned.

One day, when Busi was feeling very sad, she decided to go for a swim on her own. "I'm too ugly to play with the others," she thought. "I'd rather spend the day alone."

The little frog swam for a long time, then she crawled out of the water to rest on the grassy river bank. Lying there in the sun, she looked up, and saw the eagle's cave.

"I'd better not stay here!" she thought to herself. She was about to jump back into the river when she heard voices drifting down from the cave.

"Sir," Busi heard a child's voice say, "I've swept the cave and prepared your lunch. Please may I go down to the river while you eat, so I can wash my dress? It's the only one I have now, and it's very dirty."

"Do you think I'm a fool, little girl?" shrieked a loud, angry voice. "If I let you go near the river, you'll just run away!"

"Oh no, Sir," the frog heard the child say. "I won't run away. You'll know I'm still here because you'll hear me beating my wet dress against the rocks until it is clean."



"Well, all right then," the cruel eagle said, "but be quick because there's lots more work for you to do!"

Busi watched as a young girl in a very dirty dress made her way down to the river. She sat down on the rock next to Busi, and started to cry.

"Don't cry, little girl," said the frog gently, but the child just cried more.

"Oh, Frog," she sobbed, "I'll never be able to go home again! That cruel eagle stole me from my village last week, and now I am his slave!"

Just then, they heard the eagle's harsh voice calling out from his cave, "Girl, are you still there? If I don't hear the sound of beating soon, you'll be in BIG trouble!"

"My friend," said Busi quickly, "you have no time to lose! Give me your dress, and then run away as fast as you can. I'll beat the dress against these rocks, and the eagle will hear the noise. By the time he finds out you've gone, you'll be home again with your mother!"

"Frog, you're so kind," said the girl. "But how can a tiny creature like you beat the dress hard enough to make a loud noise?"

"Well," said Busi, "you haven't seen my special, strong leg yet!"

Shyly, the frog showed the little girl her long, thick back leg, which had been tucked underneath her as usual. Then the child knew she had a chance. She pulled off her dress and dipped it into the water. When it was wet, she beat it against a big rock a few times. Then she passed the dress quickly to Busi. She kissed the frog on her forehead, whispered, "Thank you," and ran away.

WHACK! WHACK! WHACK! went the wet dress, as Busi slapped it against the rock for a long time. Her extra long leg was so powerful that it was easy for her to make a loud noise. It was only when the eagle again shouted for the girl to hurry up, that Busi threw the dress down, jumped into the river with a plop and swam away quickly.

"At last!" said Busi's mother when Busi reached home. "Where have you been?"

As she hugged Busi, she saw a glowing jewel on the little frog's forehead, right on the spot where the girl had kissed her.

"How beautiful you are!" said Mama Frog, and all Busi's brothers and sisters agreed. When Busi saw her reflection in the water, she smiled a huge, wide frog smile. She was happy that she looked so beautiful. But even more than that, she was happy that her extra long leg wasn't such a bad thing after all.



Drive your
imagination


UBusi wayelisele elincinane eliluhlaza elalihlala nosapho lwalo kufuphi nomlambo ogosogoso ezintabeni zoKhahlamba. UBusi wayelisele elonwabileyo, kodwa inye into eyayimenza lusizi. Wayengafani nabantakwabo, noodadewabo, nawo onke amanye amasele. Ubuso bona babufana nobabo. Kanti nomzimba wakhe wawufana nowabo. Kodwa omnye wemilenze yakhe engasemva wawumde futhi umkhulu ngokubaxekileyo. Maxa wambi amanye amasele asemancinane ayemqhula ngenxa yomlenze wakhe ongaqhelekanga, kwaze oko kwenza uBusi ukuba abe lusizi ngakumbi.

“Ukuba nje bendifana naye wonke omnye umntu!” wayekholisa ukutsho embombozela. “Ukuba nje bendingembanga kangaka!”

“Yimfitshimfitshi leyo!” watsho uTatomkhulu Sele.

“Unyanisile uTatomkhulu!” watsho uMama Sele. “Lingathini isele elincinane lohlobo olulodwa ukuthetha imfitshimfitshi enjalo?”

Kodwa uBusi zange abakholelwe. Ebesithi xa amasele ehleli exoxa enyeleni yomlambo ngeentshonalanga zasehotyeni ezithatha ixesha, uBusi wayehlala emva kwawo ukuze kungabikho obona umlenze wakhe omde kakhulu wangasemva. Kanti xa enqakula iimpukane zesidlo sasemini, yena ebeqoshelisa umlenze wakhe ukuze ungabonakali, ukuze abukeke efana noko nabanye.



Ekuhambeni komlambo, emqolombeni osebumnyameni phezulu entabeni kwakuhlala ukhozi olukhohlakeleyo. “Uze ungasondeli kolo khozi!” wayesoloko elumkisa njalo uMama Sele.

Ngenye imini, xa wayeziva elusizi kakhulu uBusi, wenza isigqibo sokuya kuqubha yedwa. “Ndimbi kakhulu andifanelanga kudlala nabanye,” wacinga. “Ndikhetha ukuyichitha ndedwa imini.”

Isele elincinane laqubha ixesha elide, laze lakhasela ngaphandle kwamanzi ukuze liphumle enyeleni yomlambo enengca. Lithe lisagcakamele ilanga, lajonga phezulu, laze labona umqolomba wokhozi.

“Mhlawumbi ngendizihlalela apha!” lazingela. Laliza kutsibela emva emlanjeni xa leva amazwi aphuma emqolombeni.

“Mnumzana,” uBusi weva ilizwi lomntwana lisithi, “Nditshaye emqolombeni futhi ndisilungisile isidlo sakho sasemini. Ndingacela ukwehla ndiye emlanjeni ngelixa wena usatyayo, ukuze ndihlambe ilokhwe yam? Kaloku yiyo kuphela endinayo ngoku, kwaye ingcole kakhulu.”

“Ucinga ukuba ndisisidenge, ntombazanana?” lahlokoma ilizwi ngomsindo. “Ukuba ndingakuyeka usondele emlanjeni, uza kubaleka uzimele!”

“Owu hayi, Mnumzana,” isele lamva esitsho umntwana. “Andizi kubaleka. Uya kuyazi into yokuba ndisekhona apha kuba uza kundiva xa ndibetha ilokhwe yam emanzi emaweni ide icoceke.”



“Xa usitsho, kulungile ke,” latsho ukhozi olukhohlakeleyo, “kodwa khawuleza kuba usemninzi umsebenzi osafanele ukuwenza!”

UBusi wayibukela intombazanana enxibe ilokhwe emdaka kakhulu isihla isiya emlanjeni. Yafika yahlala phantsi ecaleni kukaBusi, yaqalisa ukukhala.

“Musa ukukhala, ntombazanana,” latsho isele liyicenga, kodwa umntwana wasuka walila ngakumbi.

“Owu, Sele,” yasitsho isikhalo, “andinakuze ndiphinde ndikwazi ukugoduka kwakhona! Olwa khozi lukhohlakeleyo lwandiba elalini yam kwiveki edlulileyo, ngoku ndilikhoboka lalo!”

Kanye ngelo xesha, beva ilizwi elingqongqo lokhozi likhwaza emqolombeni, “Ntombazana uselapho? Ukuba andisiva isandi sokubetheka kwangoku, uza kuba senkathazweni ENKULU!”

“Mhlobo wam,” watsho ngokukhawuleza uBusi, “musa ukuchitha ixesha! Ndinike ilokhwe yakho uze ubaleke ngamendu amakhulu. Ndiza kubetha ilokhwe kula mawa, ukuze ukhozi luve ingxolo. Luya kuthi lufumanisa ukuba ubalekile, uya kuba sowufikile ekhaya unomama wakho kwakhona!”

“Sele, unobubele kakhulu,” yatsho intombazana. “Kodwa isidalwa esincinanana njengawe siza kuyibetha njani ilokhwe ngamandla ngokwaneleyo ukuze yenze ingxolo ephezulu?”

“Kaloku,” watsho uBusi, “akukawuboni umlenze wam wohlobo olulodwa, owomeleleyo!”

Ngeentloni, isele labonisa intombazanana umlenze walo omde omkhulu, obuqhushhekwe ngokwesiqhelo. Umntwana wabona ukuba unalo ithuba xa kunjalo. Watsala ilokhwe wayithi nkxu emanzini. Yathi yakuba manzi, yayibetha elityeni amatyeli ambalwa. Yakugqiba yayigqithisela kuBusi ilokhwe ngokukhawuleza. Yaphuza isele ebunzi, yasebeza, “Ndiyabulela,” yaze yabaleka yemka.

THWAXA! THWAXA! THWAXA! yayisitsho ilokhwe emanzi, xa uBusi wayethwaxa iliwa ngayo ixesha elide. Umlenze wakhe omde ngokubaxekileyo wawunamandla kangangokuba kwaba lula kuye ukwenza ingxolo ephezulu. Kwakuxa ukhozi lwalukhwaza intombazana kwakhona ukuba ikhawuleze, apho uBusi wayilahlela phaya ilokhwe, watsibela dyumpu emlanjeni waze waqubha wemka kwangoko.

“Ekugqibeleni!” watsho umama kaBusi xa uBusi efika ekhaya. “Ubuphi?”

Wathi xa esanga uBusi, wabona isihombiso esimenyezelayo kwibunzi elincinane lesele, kanye kuloo ndawo intombazana ibimphuze kuyo.

“Awusemhle ngako!” watsho uMama Sele, futhi bamngqinela abantakwabo kunye noodadewabo. UBusi wathi akubona isithunzi sakhe emanzini, wancuma olona lwakhe lwalukhulu, nolubanzi uncumo lwesele. Wayevuyiswa kukuzibona emhle kangako. Kodwa ngaphezu koko, wayevuyiswa kukuba kuthe kanti ayimbanga kangako into yomlenze wakhe omde ngokubaxekileyo.



Nal'ibali fun

Okokuzonwabisa kwakwaNal'ibali



1.

Look at these pictures from *Titilope's silly game*. Number the pictures so that they match the order in which things happen in the story. Now use the pictures to retell the story in your own way.


Khangela le mifanekiso apha *Umdlalo osileyo kaTitilope*. Faka iinombolo emifanekisweni ukuze zingqinelane nolandelelwano lokwenzeka kwezinto ebalini. Ngoku sebenzisa imifanekiso ukuphinda ubalise ibali ngendlela yakho.



2.

Do you know these Nal'ibali characters?

Ingaba uyabazi aba balinganiswa bakaNal'ibali?



Mrs Dube is the Grade 1 teacher at the primary school that Bella, Thembi, Neo, Priya, Hope and Josh go to. Mrs Dube loves reading, and reading stories to her class is the favourite part of her day! She also runs the school's reading club.

UNksk Dube ngutitshala weBanga loku-1 kwisikolo samabanga aphantsi abafunda kuso uBella, uThembi, uNeo, uPriya, uHope noJosh. UNksk Dube uyakuthanda ukufunda kanti ukufundela iklasi yakhe amabali lelona xesha lemini yakhe alithanda kakhulu! Ukwaqhuba iklabhu yokufunda yesikolo.

Thembi is 6 years old and in Grade 1. Thembi loves making up stories and drawing pictures. She is learning how to write. Can you guess what word she is writing? That's right – it's her name!

UThembi uneminyaka emi-6 kwaye ukwiBanga loku-1. UThembi uyakuthanda ukuyila amabali nokuzoba imifanekiso. Ufunda indlela yokubhala. Ungaqashisela ukuba leliphi igama alibhalayo? Unyanisile – ligama lakhe!

Answer/Impendulo: (1) 3, 1, 4, 2

Need copies of this supplement in other languages or copies of older supplements? Download them for free at: www.nalibali.org/story-supplies/multilingual-supplement-archive.



Visit us on Facebook:
www.facebook.com/nalibaliSA
Sindwendwele kwikhasi lethu likaFacebook:
www.facebook.com/nalibaliSA

Unqwenela ukufumana iikopi zolu hlelo ngezinye iilwimi okanye ezeentlelo ezipapashwe ngaphambili? Zikopele simahla kwiwebhusayithi ethi:
www.nalibali.org/story-supplies/multilingual-supplement-archive.

Produced for Nal'ibali by the Project for the Study of Alternative Education in South Africa (PRAESA) and Tiso Blackstar Education. Translation by Kholisa Podile. Nal'ibali character illustrations by Rico.

Daily Dispatch

The Herald

Sunday Times

SW
Sunday
World



Drive your
imagination